



# OLD MUTUAL SUPERFUND

INYUZILETA YAMALUNGU

NOVEMBER 2022

## AMAZWANA AVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO

Njengoko siqokumbela u-2022, kuqala ndingathanda ukuvuyisana nani kuba nikwazile ukufikelela esiphelweni somnye unyaka obuzele imingeni. Njengabemi baseMzantsi Afrika, kufanele sizingce ngokukwazi ukunyamezela nangokukwazi ukuyifumana indlela phakathi kweenguqu nemingeni esiqubisana nayo. I-Old Mutual SuperFund ihlala izinikele ekusebenzisaneni nawe njengokuba ulungiselela iphulo lakho lokuthatha umhlalaphantsi ngenye imini.



Awunakuze uthi hayi usemthsha kakhulu ukuba ungaqalisa ukwenza izicwangciso zexesha lakho lomhlalaphantsi. Sonke sinamaphupha amnandi ngendlela esiza kuyonwabela ngayo imali yethu eselugcinweni esiyebilele nzima. Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba asipheleli nje ekugcinweni imali yomhlalaphantsi, koko sigcina imali eyaneleyo. Nokuba ingakanani na, iyabala. Izigqibo esizithathayo ngendlela esiphila ngayo namhlanje zinokuchaphazela indlela esiza kuphila ngayo kwixesha elizayo. Ubusazi ukuba kufuneka ube nemali yomhlalaphantsi emalunga ne-R1 million eselugcinweni ukuze ufumane umvuzo wanyanga le ongange-R5,000 xa usidla umhlalaphantsi? Yiloo nto sihlala sikuchazela ngezamva nje ezenzekayo kwicandelo loshishino lomhlalaphantsi, ukuze uhlahe usazi ngeenguqu kunye nezinto ezintsha ezenzekayo ezinokuchaphazela imali yakho eselugcinweni.

Siselapho kwiinguqu, kumele ube kanti sowuvile malunga nenkqubo "yeTwo-Pot" ephakanyiswa lisebe likaNondyebo kaZwelonke neza kuqaliswa ngomhla woku-1 kuMatshi 2024. I-Old Mutual SuperFund iyasixhasa esi siphakamiso kuba silungiselelwe ukugcina imali ixesha elide kusenzelwa umhlalaphantsi. Le nkqubo iyilelwe ukukhuthaza ulondolozo lwemali eselugcinweni nokuza neziphumo zomhlalaphantsi ezingcono, ube usakwazi ukuhlangabezana neemeko zikaxakeka zexesha elifutshane. Cofa ku-[Vol. 1](#) weziqendu zethu zothungelwano ngeTwo-Pot ukuze ufunde nangakumbi. Injongo yethu kukukunceda ucwangcise ngcono ukuze ube nokuqhubeka ngale ndlela uphila ngayo nangexesha lomhlalaphantsi.

Kule nyuzileta, sithetha ngeqela lezihloko ezinokukunceda uqoshelise kakuhle izinto zakho xa kufikwa kwizicwangciso zakho kunye nemali oyibekela umhlalaphantsi. Silangazelela unyaka omtsha oza nodlamko nemibono emihle ngobomi.

### Ukonwabele ukufunda le nyuzileta kwaye uhlahe ukhuselekile ngexesha leeHolidi!

Fiona Reynolds  
I-Principal Officer: Old Mutual SuperFund



## UBUSAZI?



### Ukunyusa imirhumo yakho

Ungayinyusa imirhumo yakho nanini na ufuna, umzekelo xa unyuselwa umvuzo ngonyaka okanye xa unyene indlela yokongeza umvuzo wakho. Oku kuza kuncedisa ukukhulisa kakhulu imali oyigcinele umhlalaphantsi ize ikusondeze ekufezekiseni amaphupha akho omhlalaphantsi. Ungathetha nomqeshi wakho ngeMirhumo Ozikhethelayo. Kuhlala kuyinto ekhuthazwayo ukugcina imali eyongezelekileyo ukwenzela ikamva elintofontofo nangakumbi. [Isibali somhlalaphantsi](#) singakunceda uqikelele ukuba kumaxa undawoni ngoku ngemali oyigcinele umhlalaphantsi. Kananjalo, [funda](#) eli nqaku ukuze uncedakale ukwenza imali yakho ikusebenzele.



### Yenza iWhatsApp ngeSiteyitimenti sakho seziBonelelo zaMalungu?

Ungafumana iSiteyitimenti seziBonelelo zaMalungu ngoWhatsApp ngokulandela la manyathelo alula. Skena le QR khowudi ingezantsi ukuze ungene. Le yeyona ndlela ikhuselekileyo yokufikelela kwiziteyitimenti zakho 24/7, ngaphandle kokufowuna okanye kokulinda i-imeyili. Imali yomhlalaphantsi iya kuhlala ilawulwa nguwe.



### Ukubaluleka kokugcina iinkcukaza zakho zihlaziyekele


Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha zakho zihlala zihlaziyekele kwiirekhodi zethu. Ukuba neenkukacha zamva nje nezihlaziyekele kwiifayile zethu kusenza sikuncede uwucwangcisele ngcono umhlalaphantsi wakho. Kukwathetha ukuba siza kulungiselela wena kanye uthungelwano oluza kuwe ukuze ufumane iindaba ezikufaneleyo nezilulutho ezibanjiswa nqo kwi-imeyili yakho. Siyakubongoza ukuba ugcine iinkcukacha zakho zihlaziyekele. Ungahlaziya iinkcukacha zakho usebenzisa umqeshi wakho okanye ngokufowunela iziko leeNkonzo zaBathengi ku-0860 20 30 40.



### Abaxhamli Abachongiweyo nenkqubo yamaBango oKufa

Kubaluleke kakhulu ukuba uhlahe ubajongisise abaxhamli obachongiweyo, ingakumbi emva kwezehlo zobomi ezifana nokutshata, ukuba nomntwana okanye ukuadoptha. Ngokuhlaziya abaxhamli obachongiweyo, unceda iBhodi yoLawulo yeSuperFund iqukumbele ukunikezwa kwezibonelelo zakho ngendlela enobulungisa nelula. Cofa kule [fomu yokuChonga uMxhali](#) ukuze uhlaziye abaxhamli obachongiweyo. Ukuze uqonde nangakumbi ngale nkqubo yamabango okufa, nceda [ucofe apha](#) ukwenzela ividiyo emfutshane nenolwazi.

**ngesimo sokurhoxisa kwakho yonke imali yakho okanye ngebango lomhlalaphantsi. Sifuna wazi kakuhle ukuba kwenzeka ntoni ngeli xesha ulindile.**



“ I-Old Mutual SuperFund idlala indima ebalulekileyo ekwenzeni amalungu afezekise ithemba namaphupha awo ekamva, ibonelela ngento yokubambelela ngexesha kungekho kuzinza. Ukuze yenze oku, ulondolozo nokuthwaleka ziintsika eziphambili zecebo lethu lotyalo-mali. ”

[funda ngakumbi](#) ngeNgxelo yokuDiza ukuThwaleka kweSuperFund apha.



## OOVIMBA BAMALUNGU

Nceda ucofe kula maqhosha angezantsi ukuze **ufunde nangakumbi**.



Ungajonga iprofayile yakho ungene kwezinye iinkonzo usebenzisa enye yeenkonzo zethu zekhompuyutha

- Secure Services
- WhatsApp 0860 933 333
- 0860 20 30 40
- superfund@oldmutual.com
- Old Mutual App
- Google Play
- App Store
- AppGallery



DO GREAT THINGS EVERY DAY

Old Mutual Life Assurance Company (SA) Limited is a licensed FSP and Life Insurer.